
VAKALISA ULUVO LWAKHO!

# INKQUBO ENGENTATHONXAXHEBA YOLUNTU NGOKUJOLISWE KUHLAZIYO LEVOORTREKKER ROAD, EMAITLAND PHAKATHI KWE4TH AVENUE KUNYE NECAMP ROAD

ICandelo loLawulo loZinzo lezoThutho eDolophini leSixeko lihlaba ikhwelo kumalungu oluntu namaqela anomdla ukuba angenise izimvo ngokumalunga nesiphakamiso esingohlaziyo lwezakheko ezingundoqo zendlela ukuze kuphuculwe ikhorido yendlela ekhoyo ngokuthi yenziwe ibembaxa kwakhona kwandiswe izakheko ezingundoqo zendlela. Le prowujekthi iyinxal'enye yeSicwangciso esiBanzi sezoThutho esiHlanganisiweyo seSixeko kunye neNkqubo engokuCuthwa koGxalathelwano lweZithuthi eziNdleleni. Iprowujekthi le iphakamisa ukuhlaziyiwa kwezakheko ezingundoqo  ukuze kuphuchulwe amava abakhweli ngokuthi kumiselwe inkqubo efikelelekayo kubo bonke kunye namanyathelo ahlanganisiweyo angokucutha ugxalathelwano lwezithuthi ezindleleni. Ukuhlaziyiwa  kwezakheko ezingundoqo zendlela kuyakuthi  kwandise umthamo wezothungelwano lwendlela kwaye kuphucule umsebenzi wezothutho loluntu, uhambo lwezothutho oluphaphileyo, iimpahla/imithwalo neenkonzo nezothutho labucala.

**Iprowujekthi le iphakamisa ukuhlaziywa kwezi zakheko ezingundoqo zendlela, ezilandelayo:**

- Ukwandiswa kweVoortrekker Road phakathi kwe4th Avenue neStation Road
- Ukwandiswa kweKoeberg Road phakathi kweVoortrekker Raod neBasson Street
- Ukulungelelaniswa ngokutsha  kweCamp Road neVoortrekker Road
- Ukulungelelaniswa ngokutsha kweSydow Street neCamp Road kunye nePerth Street




Ngokwecandelo 17 lobuRhulumente boMmandla: uMthetho weeNkqubo zikaMasipala, uMthetho wama32 ka2000, uluntu kunye namaqela anomdla okanye imibutho  anikwe ithuba lokungenisa izimvo, izindululo okanye iingcebiso ngesi siphakamiso kumasipala ukususela ngowe15 kweyoMsintsi (Septemba) 2026 de kubengowe16 kweyeDwarha (Okthobha) 2026.

**Izimvo, izindululo nezilungiso zingangeniswa nge:**
**(Ucaphule inombolo yesalathiso engu110262707)**
**I-imeyile:** urbanmobility.CT@capetown.gov.za
**Intanethi:** www.capetown.gov.za/haveyoursay okanye uskene ikhowudi eyiQR
**Izingeniso ezibhaliweyo:** kwiYunithi engeNtathonxaxheba yoLuntu, kuMgangatho we14 kwiTower Block, kwiZiko loLawulo leeNkonzo zoLuntu, 12 Hertzog Boulevard, Cape Town, 8001
**IBhungana 3:** Kwiiofisi zikaMasipala zaseMilnerton, Royal Ascot, 5 Bridle Way, eMilnerton
**Kwisakhiwo sethala leencwandi:** kwiThala leencwadi loLuntu laseMaitland, Voortrekker Road, eMaitland, kwiThala leencwadi loLuntu laseKensington, kwikona i11th neFactreton Avenues, eKensington

**Zimasa iiNtsuku ezingeeNkcukacha kuLuntu:**

- Ngowe17 kweyoMsintsi (Septemba) 2026 ukususela ngeye17:00 ukuya ngeye20:00 kwiHolo leDolophu laseMaitland, Voortrekker Road, eMaitland
- Ngowama22 kweyoMsintsi (Semtemba) 2026 ukususela ngeye17:00 ukuya ngeye20:00 kwiiHolo leDolophu laseMaitland, Voortrekker Road, eMaitland
- Ngowe7 kweyeDwarha (Okthobha) 2026 ukususela ngeye17:00 ukuya ngeye20:00 kwiHolo loLuntu laseKensington, Factreton Avenue, eKensington
- Ngowe10 kweyeDwarha (Okthobha) 2026 ukususela ngeye09:00 ukuya ngeye12:00 kwiHolo loLuntu laseKensington, Factreton Avenue, eKensington

Kuyakuthi kunikezelwe uncedo olulodwa kwabo bantu bangenakho ukufunda okanye ukubhala, abo bakhubazekileyo nabo bahlelelekileyo apho bangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo ukuba kufumaneke izimvo okanye izilungiso zabo ukuze zirekhodishwe kwaye zingeniswe kumasipala. Qhagamshelana noAnthea Bendie Andre Louw kwiYunithi engeNtathonxaxheba yoLuntu kwa 021 400 9809 okanye kwa Andre.Louw@capetown.gov.za.

**Ngeenkcukacha ezithe vetshe malunga ngemibuzo engezobuchwephetshe, nceda uqhagamshelane noJanine Phigeland kwa 021 400 1350 okanye kwa UrbanMobility.CT@capetown.gov.za.**

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
CTA205/2026

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.